

INcwadana yoHlolo

IBANGA

2

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 3






INcwadana yoHlolo

IBANGA 2 | IKOTA 3

ISIXHOSA

Iziqulatho

ISISHWANKATHELO	1
IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT	2
IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO	12
IKOTA 3 INKQUBO YOHLOLO	14




IKOTA 3



Isishwankathelo

Le ncwadana iqulethe uvavanyo lokufunda ngotyibiliko kunye nenkqubo yohlolo yeKota 3.

Nceda ukhumbule ukuba iNcwadana yoHlolo lweKota 1 & 2 iqulethe amaphetshana okurekhoda oFVT. Ikwaqulethe imiyalelo yendlela yokuhlalelwa kwezi mvavanyo nendlela yokusebenzisa iziphumo.





IKota 3 IimVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.A

Ikopi katitshala

60 izandi / 60 imizuzwana

e	i	a	s	f	5
v	N	M	T	l	10
o	u	z	P	Q	15
V	L	x	f	d	20
A	l	q	B	t	25
E	K	r	I	w	30
g	U	d	f	z	35
j	p	O	m	r	40
sh	kh	bh	ch	th	45
S	F	G	V	Z	50
gc	N	tsh	B	gx	55
X	hl	J	D	ng'	60

IBANGA 2 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.A

Ikopi yomfundi

60 izandi / 60 imizuzwana

e	i	a	s	f
v	N	M	T	l
o	u	z	P	Q
V	L	x	f	d
A	l	q	B	t
E	K	r	I	w
g	U	d	f	z
j	p	O	m	r
sh	kh	bh	ch	th
S	F	G	V	Z
gc	N	tsh	B	gx
X	hl	J	D	ng'

IBANGA 2 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.B

Ikopi katitshala

60 amagama / 60 imizuzwana

kila	kona	isele	alile	mema	5
wawela	isisele	lilele	luwela	lizolile	10
wena	zizo	adada	elalini	goba	15
ushwabene	tyibilika	engalweni	ingongoma	bamba	20
phezulu	inkomo	khama	valela	uzamile	25
isitulo	itafile	idesika	dibanisa	intaba	30
ziwile	ufikile	ijamile	siwile	udonga	35
incwadi	ngcamla	igqwetha	ingqolowa	isininhanha	40
mnike	imbobo	imvula	iqhakuva	indima	45
fihla	sula	yima	ubona	ibhola	50
ugwebu	inzima	undwendwe	jikeleza	ivaliwe	55
jonga	ikroti	isidanga	ixhala	ithambo	60

IBANGA 2 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.B

Ikopi yomfundi

60 amagama / 60 imizuzwana

kila	kona	isele	alile	mema
wawela	isisele	lilele	luwela	lizolile
wena	zizo	adada	elalini	goba
ushwabene	tyibilika	engalweni	ingongoma	bamba
phezulu	inkomo	khama	valela	uzamile
isitulo	itafile	idesika	dibanisa	intaba
ziwile	ufikile	ijamile	siwile	udonga
incwadi	ngcamla	igqwetha	ingqolowa	isinhanha
mnike	imbobo	imvula	iqhakuva	indima
fihla	sula	yima	ubona	ibhola
ugwebu	inzima	undwendwe	jikeleza	ivaliwe
jonga	ikroti	isidanga	ixhala	ithambo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.C

Ikopi katitshala

Izicatshulwa zokufunda / 60 & 180 imizuzwana

ULubanzi wayefuna ukuya epakini.	4
“Ungeza epakini, Xhanti?” uLubanzi wabuza umhlobo wakhe. “Singazonwabela.”	9 12
“Ndiyafunda kodwa.” wachaza uXhanti.	16
“Incwadi yam imalunga nomzingeli, ikrele, kunye nesaqhwithi esikhulu.”	21 24
ULubanzi wacinga. Waba nombono omhle!	29
ULubanzi wathatha idyasi yokuzingela eluhlaza nemnyama.	33 35
Wapakisha ibhegi. Wafaka iiapile, amandongomane kunye neebhotile ezimbini zamanzi.	39 43 44
Wakhangela, iintonga ezimbini ezinde.	48
Akuba egqibile, uLubanzi wathatha iidyasi, iintonga kunye nebhegi waya nazo kuXhanti.	53 59

“Xhanti, kufuneka uze epakini!” watsho	64
uLubanzi. Jonga, singadlala ngencwadi	68
yakho. Singazenza ngathi singabazingeli.	72
Singanxiba iidyasi zokuzingela. Senze	76
amakrele ngeentonga. Singenza ngathi	80
kukho isaqhwithi. Singatya ukutya	84
endikupakishileyo.”	85
“Owu! Lubanzi,” utshilo uXhanti. “Kuza kuba	91
mnandi! Ndiza kuza epakini.”	95

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.C

Ikopi yomfundi

ULubanzi wayefuna ukuya epakini.

“Ungeza epakini, Xhanti?” uLubanzi wabuza umhlobo wakhe. “Singazonwabela.”

“Ndiyafunda kodwa.” wachaza uXhanti.

“Incwadi yam imalunga nomzingeli, ikrele, kunye nesaqhwithi esikhulu.”

ULubanzi wacinga. Waba nombono omhle!

ULubanzi wathatha idyasi yokuzingela eluhlaza nemnyama.

Wapakisha ibhegi. Wafaka iiapile, amandongomane kunye neebhotile ezimbini zamanzi.

Wakhangela, iintonga ezimbini ezinde.

Akuba egqibile, uLubanzi wathatha iidyasi, iintonga kunye nebhegi waya nazo kuXhanti.

“Xhanti, kufuneka uze epakini!” watsho uLubanzi. Jonga, singadlala ngencwadi yakho. Singazenza ngathi singabazingeli. Singanxiba iidyasi zokuzingela. Senze amakrele ngeentonga. Singenza ngathi kukho isaqhwithi. Singatya ukutya endikupakishileyo.”

“Owu! Lubanzi,” utshilo uXhanti. “Kuza kuba mnandi! Ndiza kuza epakini.”



U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.3.D

Ikopi katitshala

Imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo (8)

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

1. Ngubani ofuna ukuya epakini?

Impendulo: ULubanzi ufuna ukuya epakini.

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

2. Kutheni uXhanti engafuni ukuya epakini?

Impendulo: UXhanti uyafunda. / UXhanti ufunda incwadi emnandi. / UXhanti uyayonwabela incwadi yakhe malunga nomzingeli, ikrele kunye nesaqhwithi.

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

3. Yintoni uLubanzi awayithathayo?

Impendulo: Wathatha iidyasi zokuzingela, eluhlaza nemnyama.

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

4. Zeziphi iziqhamo awazipakishayo ebhegini yakhe?

Impendulo: Wapakisha iipile ezimbini.

Uhlobo lwemibuzo: Isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo esingqalileyo

5. Ucinga ukuba kutheni uLubanzi eqokelela iidyasi zokuzingela, iintonga ezimbini kunye nebhegi yokutya?

Impendulo: *Impendulo yomfundi, umzekelo:*

Ndicinga ukuba uLubanzi ufuna ukwenza umdlalo ofana nencwadi efundwa nguXhanti.

Ndicinga ukuba uLubanzi ucinga ukuba uXhanti uza kuza epakini xa umdlalo ufana nencwadi yakhe.

Uhlobo lwemibuzo: Isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo esingqalileyo

6. Ucinga ukuba uLubanzi ngumntu onobuchule? Nika isizathu sempendulo yakho.

Impendulo: *Impendulo yomfundi, umzekelo:*

Andicingi ukuba uLubanzi unobuchule, kuba ukope ibali likaXhanti kumdlalo wakhe.

Ndicinga ukuba uLubanzi unobuchule kuba uqala umdlalo omtsha oza kuthandwa ngumhlobo wakhe.

Uhlobo lwemibuzo: Tolika uze uhlanganise

7. Ucinga ukuba uLubanzi uza kwenza isaqhwithi sibe yinxalenye yomdlalo? Ucinga ukuba uza kuyenza njani lento?

Impendulo: *Impendulo yomfundi, umzekelo:*

Andicingi ukuba uza kwenza isaqhwithi sibe yinxalenye yomdlalo kuba akanokwazi ukwenza imvula.

Ndicinga ukuba uza kusenza isaqhwithi sibe yinxalenye yomdlalo. Usenokwenza ngathi liyana, baze bona bakhangele indawo yokuzimela.

IBANGA 2 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

Uhlobo lwemibuzo: Hloa uze uvavanye

8. Ucinga ukuba uLubanzi ngumhlobo olungileyo? Nika isizathu sempendulo yakho.

Impendulo: *Impendulo yomfundi, umzekelo:*

Andicingi ukuba uLubanzi ngumhlobo olungileyo, kuba bekufanele amyeke uXhanti afunde incwadi yakhe.

Ndicinga ukuba uLubanzi ngumhlobo olungileyo kuba wenze umdlalo aza kuba nomdla kuwo uXhanti.



IKota 3 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 2 IKota 3

Ifomu yohlalutyo

Izandi 2.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
e			kila		
i			kona		
a			isele		
s			alile		
f			mema		
v			wawela		
N			isisele		
M			lilele		
T			luwela		
l			lizolile		
o			wena		
u			zizo		
z			adada		
P			elalini		
Q			goba		
V			ushwabene		
L			tyibilika		
x			engalweni		
f			ingongoma		
d			bamba		
A			phezulu		
l			inkomo		
q			khama		
B			valela		
t			uzamile		
E			isitulo		
K			itafile		
r			idesika		
I			dibanisa		
w			intaba		

IBANGA 2 | IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 2 IKota 3 IFomu yoHlalutyo					
Izandi 2.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
g			ziwile		
U			ufikile		
d			ijamile		
f			siwile		
z			udonga		
j			incwadi		
p			ngcamla		
O			igqwetha		
m			ingqolowa		
r			isinhanha		
sh			mnike		
kh			imbobo		
bh			imvula		
ch			iqhakuva		
th			indima		
S			fihla		
F			sula		
G			yima		
V			ubona		
Z			ibhola		
gc			ugwebu		
N			inzima		
tsh			undwendwe		
B			jikeleza		
gx			ivaliwe		
X			jonga		
hl			ikroti		
J			isidanga		
D			ixhala		
ng'			ithambo		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 2 IKOTA 3

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 3:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Uphulaphula uthotho lwemiyalelo aze aphenndule ngokufanelekileyo. Uphulaphula iinkcukacha emabalini aze aphenndule imibuzo evulekileyo. Umzekelo, uhlalutya unobangela neziphumo.
 Izandi	Uqaphela oonombini bamaqabane. Wakha amagama esebenzisa oonombini bamaqabane, izandi ezihlanganisiweyo zamaqabane namaqabane aphindiweyo abafundiswe kulo nyaka.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe. Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo. Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda. Uphulaphula, athathe inxaxheba ngetekisi aze: • Uphendula imibuzo ngqo • Wenza uqikelelo • Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo • Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
 Ukubhala ngesandla	Ugcina ukufana nokulungelelana: ubukhulu boonobumba abancinci nabakhulu kwigama.
 Ukubhala	Ubhala 1–2 imihlathi (ubuncinane izivakalisi ezisibhozo) ngamava akhe okanye iziganeko. Usebenzisa iimpawu zokubhala (izingxi, iziphumlisi, iimpawu zombuzo, iimpazu zokhuzo) ukuze abanye babenokufunda okubhaliweyo.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo ZO–FVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Uphulaphula uthotho lwemiyalelo aze aphenhule ngokufanelekileyo.

Uphulaphula iinkcukacha emabalini aze aphenhule imibuzo evulekileyo. Umzekelo, uhlalutya unobangela neziphumo.

Umsebenzi 1

- Yenza oku kwiVeki 3 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Biza abafundi ngabanye beze kwidesika yakho.
- Nika umfundi ngamnye imiyalelo em4 elandelelanayo amakayilande.

Umzekelo:

- Hlala phantsi esitulweni ecaleni kwam;
 - Vula le ncwadi kwiphepha 35;
 - Khomba emfanikisweni;
 - Qhwaba izandla zakho kathathu.
- Qaphela indlela umfundi adla ngokuphendula ngayo.

Umsebenzi 2

- Ukuzibandakanya nebali
- Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo ngeBali kwiNgqokelela yamaBali iVeki 2: Iholidi yasebusika

Ukukhumbula iinkcukacha:

1. Wabona ntoni umhlobo kaZweli eMaputo?
Impendulo: Wabona izakhiwo ezide, ulwandle nolwandlekazi.
2. Yintoni igama lengxangxasi eyabonwa ngumhlobo kaZweli?
Impendulo: Wabona iingxangxasi iVictoria Falls.
3. Wamthenga phi ubhaka omnye wabahlobo bakaZweli?
Impendulo: Wamthenga eRhawutini.
4. Zeziphi izinto ezimbini ezenziwa nguMnu. Mabuya ngeholidi yakhe?
Impendulo (naziphi na ezimbini): Wahla ekhaya; wafunda iincwadi; walima iitumato; wachitha ixesha nosapho lwakhe.

Okulandelayo, buza umfundi le mibuzo ivulekileyo ilandelayo:

- Waziva njani uZweli emva kokuva ngeholidi zabahlobo bakhe, kwaye yintoni eyamenza waziva ngcono?
Impendulo: UZweli waziva kakubi, wacinga ukuba iholidi yakhe ibikruqula. Kodwa uMnu. Mabuya wamenza waziva ngcono kuba naye wayehleli ekhaya. Wenza uZweli acinge ngazo zonke izinto ezintle awayezenze ekhaya.
- Kutheni ucinga ukuba uZweli wayenomdla wokuthetha ngento awayenza ngeholidi?
Impendulo: Impendulo yomfundi, kodwa kufuneka ixhaswe. Umzekelo:
Ndicinga ukuba uZweli wayenomdla kuba waqonda ukuba wayeyonwabele iholidi yakhe kwaye wenza izinto ezimnandi ekhaya.
Ndicinga ukuba uZweli wayenomdla kuba uMnu. Mabuya wamnceda waqonda ukuba iholidi ekhaya inganika umdla.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubhikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukulandelwa kwemiyalelo	Umfundi ukhumbula aze aphenule umyalelo om1 ngoku-chanekileyo.	Umfundi ukhumbula aze aphenule imiyalelo emi2 ngoku-chanekileyo.	Umfundi ukhumbula aze aphenule imiyalelo emi3 ngoku-chanekileyo.	Umfundi ukhumbula aze aphenule imiyalelo emi4 ngoku-chanekileyo.
Ukukhumbula iinkcukacha	Umfundi unika impendulo enye echanekileyo.	Umfundi unika iimpendulo ezimbini ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpendulo ezintathu ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpendulo ezi4 ezichanekileyo.
Imibuzo evulekileyo	Umfundi uphendula umbuzo ovulekileyo omnye ngenkxaso ebalulekileyo katitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngenkxaso ebalulekileyo evela kutitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngenkxaso ethile evela kutitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngokuzimeleyo nangoku-chanekileyo.



Izandi

Uqaphela oonombini bamaqabane. Uqaphela izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane namaqabane aphindiweyo.

Wakha amagama esebenzisa oonombini bamaqabane, izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane namaqabane aphindiweyo abafundiswe kulo nyaka.

- Kwiiveki 2–7 ngooLwesihlanu, abafundi bagqibezela umsebenzi wokwaKhiwa kwamaGama ofumaneka kwiNcwadi yokuFunda enguNdoqo.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu qokelela iincwadi zabafundi ukulungiselela uhlobo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Inani lamagama achanekileyo akhiwe ngeveki nganye	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama ama0–3 kwiveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama ama4–6 kwiveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama asi7–9 kwiveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama ali10 nangaphezulu kwiveki nganye.
N/A	N/A	N/A	N/A	N/A
Ukusetyenziswa koonombini bamaqabane, kwezandi ezihlanga-nisiweyo kunye namaqabane aphindiweyo	Umfundi uyakuphepha ukwakha amagama aquka oonombini bamaqabane, izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane kunye nezandi zamaqabane aphindiweyo.	Umfundi uyakwazi ukwakha amagama aquka oonombini bamaqabane, izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane kunye nezandi zamaqabane aphindiweyo.	Umfundi uwakha kakuhle amagama aquka oonombini bamaqabane, izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane kunye namaqabane aphindiweyo.	Umfundi uhamba phambili ekwakheni amagama aquka oonombini bamaqabane, izandi ezihlanga-nisiweyo zamaqabane kunye namaqabane aphindiweyo.



Ukufunda

Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe.

Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo.

Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT lweNHLRP: 2.3.C
- Biza abafundi ngabanye ngabanye ukugqibezela uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Bhala iziphumo zomfundi ZO-FVT kwiphepha lokurekhoda.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubhikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izakhono zokudikhowuda	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kakhulu kwimiGaqo kaZwelonke yokuFunda eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kancini kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT afikelele kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi adlulile kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.
Ukuqaphela izakhono zokufunda	Umfundi akakwazi ukuqaphela ukufunda kwakhe.	Umfundi umana enqumama afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi unqumama rhoqo afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi ufunda ngokutyibilika. Apho atsala nzima khona, uyaziqonda aze azilungise kwangoko.



Inggqiqo nokuqonda

Uphendula imibuzo ngqo.

Wenza uqikelelo.

Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo.

Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

Umsebenzi

- Yenza oku kwiveki 7 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Khumbuza abafundi ngeBali leNgqokelela yamaBali leVeki 6: UMusa Motha umdlali owaphikisa amandla endalo
- Bhala le mibuzo ilandelayo ebhodini.
- Funda imibuzo ngokuvakalayo uze ucacise ngendlela emayiphendulwe ngayo.
- Ekupheleni kwesifundo, qokelella iincwadi zabafundi ukulungiselela ukuzimakisha.
- Sebenzisa imemorandam enikiweyo.

Uphendula imibuzo ngqo

1. Ngowuphi umdlalo owawudlalwa nguMosa eseyinkwenkwana?
 - a. ibhola yebhasikethi
 - b. ibhola ekhatywayo
 - c. ibhola yentenetya
2. Wenza ntoni uMusa ukunqanda ukunwenwa komhlaza owawukwidolo lakhe?
 - a. Wasela iyeza.
 - b. Wafunda ukudanisa.
 - c. Washunqulwa umlenze.

Yenza uqikelelo

3. Ucinga ukuba uMusa uza kuba ngumdanisi ophumeleleyo? Ngoba kutheni?
Ewe, ndicinga njalo kuba...
Hayi, andicingi njalo kuba...

Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo

4. Funda ezi zivakalisi zilandelayo uze ukhangele okwenzeke kuqala, okuye kwalandela nokwenzeke mva.
Bala inani lezivakalisi ngolandelelwano oluchanekileyo.
 - a. Kufuneka afunde ukudanisa ngomlenze omnye.
 - b. UMusa wonzakala edolweni lakhe xa wayedlala ibhola ekhatywayo.
 - c. UMusa wanikwa isixhobo somculo waze wawuthanda umculo.

Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

5. Ucinga ukuba yintoni amandla endalo?
 - a. Amandla atsalela into ezantsi emhlabeni
 - b. Umoya onamandla
 - c. Imagnethi etsala izinto zesinyithi
6. Kutheni ucinga ukuba oku ngamandla endalo?
Ndicinga ukuba ngamandla endalo kuba...

Imemorandam

1. b (1 inqaku)
2. c (1 inqaku)
3. Impendulo yomfundi:
Ukugqibezela impendulo (1 inqaku)
Ukuxhasa impendulo (1 inqaku)
4. b, c, a (1 inqaku - onke kufuneka achaneke)
5. a (1 inqaku)

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

6. Umfundi makanike ingcaciso efanelekileyo. (2 amanqaku)
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Amanqaku ewonke kwasibhozo	INQANABA
1 – 2	1
3 – 4	2
5 – 6	3
7 – 8	4



Ukubhala ngesandla

Ugcina ukufana nokulungelelana: ubukhulu boonobumba abancinci nabakhulu kwigama.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Xa kuza kuphela ikota, jonga iincwadi zabafundi ujonge inkqubela yabo yokubhala ngesandla.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa koonobumba	Uninzi loonobumba lwakhiwe kakubi okanye ngoku-ngachanekanga.	Abanye oonobumba bakhiwe kakubi okanye ngoku-ngachanekanga.	Oonobumba bakhiwe kakuhle kodwa kunokuqatshelwa ukubukeka.	Oonobumba bakhiwe ngoku-chanekileyo kwaye bayabukeka.
Ukungaguquki kobukhulu boonobumba	Ubukhulu boonobumba abungqinelani kwaphela, kwaye oonobumba abakhulu abekho bakhulu ngokomlinganiselo koobumba abancinci.	Ubukhulu boonobumba buyaguquguquka, kwaye oonobumba abakhulu abakho bakhulu ngokomlinganiselo koobumba abancinci.	Kukho ukuguquguquka okuthile kubukhulu boonobumba ngamanye amaxesha okanye umlinganiselo ongafanelekanga phakathi koonobumba abakhulu nabancinci.	Ubukhulu bonobumba abuguquguquki kwaye kukho umlinganiselo ofanelekileyo phakathi koonobumba abakhulu nabancinci.



Ukubhala

Ubhala 1–2 imihlathi (ubuncinane izivakalisi ezisibhozo) ngamava akhe okanye iziganeko. Usebenzisa iimpawu zokubhala (izingxi, iziphumlisi, iimpawu zombuzo, iimpawu zokhuzo) ukuze abanye babenokufunda okubhaliweyo.

Umsebenzi

- Yenza oku ngexesha lesiFundo sokuBhala kwiiVeki 5–6, apho abafundi babhala khona ngoku: Umntu ebomini bam othanda ukudanisa.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Isakhiwo	Akukho ngqiqo yokusetyenziswa kwemihlathi.	Izivakalisi zibhalwe ngokwemihlathi, kodwa akukho ngcamango inye kumhlathi ngamnye.	Izivakalisi zakhiwe ngoku-chanekileyo zayimihlathi emi2, kodwa umhlathi wesibini awuphelelanga.	Izivakalisi zakhiwe ngoku-chanekileyo zayimihlathi emi2 epheleleyo.
Ubude nesakhiwo	Umfundi ubhale ngaphantsi kwezivakalisi ezi3 ezichanekileyo.	Umfundi ubhale izivakalisi ezi4–5 ezichanekileyo.	Umfundi ubhale izivakalisi ezi6–7 ezichanekileyo.	Umfundi ubhale 8 nangaphezulu izivakalisi ezichanekileyo.
Iimpawu zokubhala	Umfundi utsala nzima ukusebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, nkqu nangenkxaso.	Umfundi usebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, kodwa utsala nzima ngezinye iimpawu zokubhala.	Umfundi uqhele ukusebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.	Umfundi ngamathuba amaninzi usebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.

